URhulumente weNtshona Koloni

URhulumente womMandla

UBAMBISWANO NGAMANDLA



# HLAB' IKHWELO, UZINTAME IZENZO ZOBUQHOPHOLOLO

## UKUZE SILULWE LUPHELE NYA URHWAPHILIZO, SAKHE ILIZWE ELOMELELEYO NELINGCONO **NGOBAMBISWANO.**

Anti Corruption Booklet_isiXhosa.indd 1 2015/11/10 02:29:18 PM

# KWENZEKA NTONI XA NDINGAZIXELI EZI ZENZO?




Anti Corruption Booklet_isiXhosa.indd 2 2015/11/10 02:29:19 PM




# KWENZEKA NTONI NDAKUZIXELA?


YINTONI
URHWA-
PHILIZO?
UTHENGISA
ULWAZI
WOPHULA
INTEMBEKO
@#!*
UKUXHAPHAZA
ISIKHUNDLA
UGXOBHA IMO
YEZINTO
NGABOM

# YINTONI URHWAPHILIZO?

Ukuba umntu wenza izinto ngenye yezi ndlela zilandelayo okanye wenza ukuba omnye umntu enze kwezi zinto zilandelayo, loo mntu ungambiza ngokuba ngumrhwaphilizi:

- Uthengisa ulwazi okanye iinkcukacha okanye usebenzisa imathiriyeli ngendlela engasulungekanga, engavumelekanga, engaphelelanga, engeyiyo okanye engenabulungisa.
- Usebenzisa isikhundla sakhe ukuxhaphaza abanye
- Wophula intembeko ngokungayithobeli imithetho okanye imigaqo.
- Ugxobha imo yezinto ngabom, ze isiphumo salonto singabi nabulungisa.

**LUNQANDE URHWAPHILIZO:**
Ngokukhuthaza intsulungeko koomasipala bethu, sakha ubuzwe. Urhwaphilizo ke abungqinelani nobuzwe. Bulutshicela ebusweni uhanjiso-zonkonzo olufezekileyo nolucikizekileyo eluntwini.

# NDINGALUQONDA NJANI **URHWAPHILIZO?**

Le mikhuba ilandelayo yeminye yemizekelo yezenzo zorhwaphiliso:

- Ukunyoba
- Ukuqashana ngokobuhlobo (ukukhetha izalamane okanye abahlobo bakho)
- Ukuba (ukuba okanye ukutyuxa izimali ekuthiwe ubani makazijonge okanye ezomqeshi wakhe)
- Ubuqhophololo
- Ukusebenzisa iinkcukacha ezibalulekileyo ngendlela engeyiyo
- Ukurhweba ngolwazi neenkcukacha zangaphakathi (oku ukwenza ngokurhweba ngolwazi neenkcukacha eziyimfihlo kuba ufikelela kuzo)
- Ukungawenzi umsebenzi ekufanele uwenze
- Ukungaludizi uchaphazeleko lwakho entweni
- Ikhethe
- Ukuphanga (ukuzuza into yexabiso ngenkani okanye ngezoyikiso/ngokugrogrisa)
- Ukuxhaphaza isikhundla



# YITHI HAYI KWEZI ZINTO:

UKUNYOBA
UBUQHOPHOLOLO
UKUPHANGA
UKUBA
UKURHWEBA NGEENKCUKACHA
EMBEZZLEMENT
INSIDER TRADING






# MUSA

UKUNGAYENZI IMISEBENZI YAKHO

**NGUBANI KE OFANELE UKUXELA IZENZO ZORHWAPHILIZO KOOMASIPALA?**

- Ngabahlali
- Ngooceba
- Ngabaqeshwa boomasipala

8

## NDINGALWENZA NJANI KE UBHENGEZO LWALE MIKHUBA?

Ungayixela le mikhuba phantsi kwesivumelwano esikhuselweyo komnye waba bantu balandelayo, ukuba into oza kuyixela yinyaniso engagungqiyo:




[1] egqwetheni, embuthweni omele abasebenzi, kummeli wabasebenzi emsebenzini
[2] Ungazibhengeza kumaphepha-ndaba, unomathotholo, emapoliseni (SAPS)

## NDIKHUSELEKILE KE NGOKU MNA?

Ewe ukhuselekile ekubeni ungaphatheki kakubi nangokungenabulungisa emsebenzini wakho ngumqeshi, nto leyo ethanda ukubizwa ngokuba "kukonakalelwa emsebenzini":

- Ukungabizelwa kululeko
- Ukungagxothwa, urhoxiswe, uhliselwe, ubandezelwe nto okanye itshutshiswe
- Ukungatshintshwa ungathandanga
- Ukonakalelwa xa ufuna ukutshintshwa okanye ukunyuselwa
- Ukungatshintshelwa imiqathango yengqesho ngokungenabulungisa
- Ukonakalelwa yireferensi uyicela
- Ukungaqeshwa kwelinye ikhondo lomsebenzi / kwenye i-ofisi
- Ukungagrogriswa ngokubizelwa kululeko

KOWAM UMASIPALA MANDIXELE KUBANI?

# IPROTHOKHOLO YOKUNTAMA




## LANDELA IPROTHOKHOLI

Ukuba uceba othile ubhaqa izenzo zorhwaphilizo, makazixele kwisithethi sikamasipala esiya kuthi sona ngokwemiqathango yoMgaqo 13 yoMthetho weeNkqubo zikaMasipala, singenise isindululo eBhungeni. Ooceba bakhuselwe ngokwemiqathango yecandelwana laMalungeno awodwa (Privileges and Immunities) akwicandelo 28 loMthetho i-Municipal Structures Act (uMthetho 117 ka-1998) ngemiqathango yezinto ezibhengzwa kwiBhunga likaMasipala.




Anti Corruption Booklet_isiXhosa.indd 11 2015/11/10 02:29:24 PM

# UKUBA NDIGQIBE EKUBENI NDIZINTAME IZENZO ZORHWAPHILIZO, INGABA UMTHETHO OKHUSELA OONTAMNANI NAM UYA KUNDIKHUSELA*?

**NGOKUQINISEKILEYO, UYA KUKHUSELWA!**
Ukuze umqeshwa akhuselwe nguMthetho, kufuneka ukuba isenzo asixele komnye wabantu abadweliswe kuMthetho lowo. Ukuba nje umqeshwa isenzo sorhwaphilizo usixele emntwini ofanelekileyo, oko kuya kuthetha ukuba akayi konakalelwa emsebenzini.

*UMTHETHO IPREVENTION ACT (ACT 26 WAMA 2000)



# LUNQANDE URHWAPHILIZO

# IMIJELO YEENGXELO



## SEBENZISA NOKUBA YEYIPHI KULE INGEZANTSI:

- **Umnxeba woontamnani kazwelonke** 0800 701 701
- **Umkhuseli woluntu** 0800 11 20 40
- **Amapolisa oMzantsi Afrika (SAPS)** 10111
- **ICandelo eliLodwa loPhando** 012 483 00 00

NACF National Anti-Corruption Forum

PUBLIC PROTECTOR SOUTH AFRICA

SPECIAL INVESTIGATING UNIT

**URHULUMENTE WENTSHONA KOLONI,**
WENA GOSA LIKAMASIPALA, UKUBONELELA NGENTO YONKE OYIDINGAYO UKULWA NORHWAPHILIZO. MUSA UKUTHULA.

Ukuba akufuni kulichaza igama lakho, tsalela nje le nombolo ye-Corruption Hotline ithi 0800 701 701 okanye yiya kule webhusayithi www.publicservicecorruptionhotline.org.za ukuze ufumane iinkcukacha eziphangaleleyo. Ukuba iingcebiso ngeenkqubo zePSC Hotline, **tsalela kule nombolo 021 483 4109/3791.**

**URhulumente weNtshona Koloni**

URhulumente womMandla

UBAMBISWANO NGAMANDLA